IXABISO 3d.] KING_WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, MAY 5, 1892. [Vol._VIII,_No._393

ELIPEPA LIPUMA
NGOLWESI-NE
*IVEKI ZONKE.*

Lijonge Ilungelo Lomzi kupela.
Limele imfanelo ya Bantsundu ngapandle koloyiko.
Alicaluli Sizwe nalu Nqulo.

# *Imvo Zabantsundu*

*(NATIVE OPINION)*

*Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories,*

Lirolelwa 3/6 nge Kwata (itunyelwe ingekapeli) 4s ipele i Kwata ingaro-Iwanga.
Unokuhlaulelwa wonke Uny ak a ekuveleni kwawo nge 13s 6d.

Izaziso Zabazelweyo, Abatshatileyo, Nemibiko, irolelwa *2s* 6d, zingene kanye; 3s 9d kabini; 5s katatu.

# DYER-DYER

KING WILLIAMSTOWN.

## IMPAHLA ENTSHA IFIKA EZIVEKI ZONKE.

*Umgudu uyenziwa ukugcina impahla eyona isentliziyweni kwabantsundu. Ngapandle kwamatandabuzo lendlu yeyona impahla intle AMAXABISO APANTSI kulo lonke apa Emaxhoseni*

Isuti Zokutshata ziyalinganiswa zitu- ngwe mininye.

Ezamadoda, Ezamadodana nezamakwenkwana, Ingubo zokunxiba.

Ityali, Ifelane, Ingcawa, Ihempe, Iprinti, Ikele- ko, njalo njalo.

| | |
|---|---|
| Isuti Zamadoda ziqala | 12/6 |
| Ibhulukwe Zekodi Zamadoda ziqala | 5/6 |
| Indulubhatyi Zamadoda ziqala | 2/6 |
| Ihempe Zamadoda zokusebenza ziqala ... | 1/- |
| Ibhatyi Ezimnyama Zetwidi ziqala | 12/6 |

Ibhatyi ezingojobela zokuhomba ne Ndulubhatyi.

Izihlangu, Ishuzi, Iminqwazi, Amaqhina, Ikeps, Izikhafu.

Ezona ntlobo zintsha!

Ezonafishini zokugqibela!!

Into ngemali yako!!!

# DYER NO DYER,

E QONCE

-A- 'Wonderful Medicine.

# BEECHAM'S PILLS

For Bilious and Nervous Disorders, such as wind and and Pain in the Stomach, Sick Headache, Diddiness. Fulness, and Swelling after meals, Dizziness and Drowsiness, Cold Chills, Flushing; of Heat, Loss of Appetite, Shortness of Breath, Costiveness, Blotches on the Skin, Disturbed Sleep, Frightful Dreams, and all Nervous and Trembling Sensations, &c. THE FIRST DOSE WILE GIVE RELIEF IN TWENTY MINUTES. This is no fiction. Every sufferer is earnestly invited to try one Box of these Pills, and they will be acknowledged to be " WORTH A GUINEA A BOX."

BEECHAM'S PILLS, taken as directed, will quickly restore females to complete health. They promptly remove any obstruction or irregularity of the system. For a

Weak Stomach; Impaired Digestion; Disordered Liver;

they act like magic—a few doses will work wonders upon the Vital Organs ; Strengthening the muscular System ; restoring the long-lost Complexion ; bringing back the keen edge of appetite, and amusing with the ROSEBUD OF HEALTH the WHOLE PHYSICAL ENERGY of the human frame. For throwing fevers in hot climates they are specially renowned. Those are " facts '' admitted by thousands, in all classes of society and one of the key guarantees to the Nervous and Debilitated is that Beechams *Pills have the Largest Sale of any Patent Medicine in the world.* Full directions with each box.

Prepared only by THOMAS BEECHAM, St. Helena, Lancashire, England.

SOLD BY ALL DRUGGISTS IN THE COLONIES.

AKA

# HOLMES-ROBERTS

AMAYEZA

## *AMAKULU ASE AFRIKA!*

P ILISA.

Wokunyanga Amatumba, Ihashe Ukunchola kwe Gazi, Icesini ebangwa kukunyakama nazi zihlambo Amadlala, Izilonda, Igcushuwa, Iqhabanga, Isibindi, nezinye izikuhlane ezikolisa ukuhla amankazana.

IXABISO. 2/3 nge BhotiLe. nge Posi 3/2.

MANGALISA.

Wokunyanga Isifuba (consumption) Ukungenwa yi Ngqele, nazo zonke Izifo ezibanga ubulwelwe Esifubeni nase Mipungeni.

IXABISO,2/6 nge Bhotile, nge Posi 3/2,

LENZELWA ABANINILO KUPELA NGO

JOHN GAUNT & CO., CHEMISTS, KING W. TOWN

ANOKUFUNYANWA KUBO BONKE ABAPITIKEZI-MEYEZA.

# Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE no MARSH,

E Nyutawini nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcantcatweni.

LEMINYAKA I 18

IGQITILEYO,

SINGENISE KWELI LIZWE

# IBLANKETE ZOBOYA

*EZILUKWE NGOBUGCISA OBU BODWA, Igama lazo yi ' ' EXTRA NAVY or MATTROSS"*

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPA- ULE i BLANKETE ZONKE ngopawu esi- luqinisele na Komkulu ngohlobo Iwemifa- nekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENE- NE, kangelisa kunene ukuba ina- wona umfanekiso we NGONYAMA kwelinye LAMASONDO ayo

ZONKE EZI BLANKETE ZIZEZINGATANDATYU- ZWAYO.

ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkile enitenga kuzo-ke bizani Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama.

Ziya kubako kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke.

APO ZIPAKULWA KONA KUKO

## *PEACOCK BROS, and WEIR,*

EQONCE.

# BON MARCHE

# JOHN W. BAYES CO.

*GRAHAMSTOWN.*

## IMPAHLA ENTSHA YOBUSIKA

KUWO ONKE AMAGUMBI.

----:o:----

IDYASI ZAMADODA ZIQALELA KWI 10S. 6D. ; IBHULUKWE ZEKODI ZIQALA KWI 5S.; IHEMPE ZIQALA IS. 6D. ; IFELANE 1S. IYADI; AMABHAYI 1S. IYADI ; FANCY PRINTS 4 1/2D. IYADI; EZIDLULISELEYO I GERMAN PRINT 6 1/2D- IYADI; WINSEY 5D. IYADI; FLANNELETTE 3 3/4D. IYADI! IJERSEY ZABAFAZI 2S. 11D.; I-BLANKET ZE MATTROSS; I-ULSTERS ZABAFAZI 5S. 11D.; ITYALI ZOBOYA ZIQALA 3S.; IKA- LIKO E-BROWN NEMHLOPE IQALA 2 1/2D IYADI.

----:o:----

Ihleli ilungiselelwe yonke Impahla Yokutshata.

# J. W. GARRETT & CO.,

LADY FRERE

IZITORA EZI TSHIPU

Ingubo Zamaledi, Iswekile Nekofu, nento zalowomkondo, Izihlangu, Ingubo Zamadoda, Isali nempahla yalowomkondo, Ubugoxo bento ezifunwa nangumzi Obomvu.

*Kunikwa amaxabiso angapezulu ngo BOYA, IZIKUMBU, UKUTYA, ne MPAHLA EHAMBAYO.*

# Beauchamp, Booth Co.

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Ivenkile YE MPAHLA. EZIBUHLUNGU NGA-

ITYALI—Zintle kodwa ziyalahlwa, ziqala kwe- ze 4/6 to £2 inye.

I PRINTI ezi " best " ezihlanjwayo 6d. yard.

Edluliseleyo itshipu i Satin Emhlope ne Cream i Muslin yokunxiba enemigca 4 1/2d. yard.

I Satin Ezimhlope nezi Cream, 10 1/2d., 1/-, 1/6 nge yard.

Ingubo Zabatshakazi ezenziwa nge zintsha ifa- shini.

Iflawa Zabatshakazi. Izigubungelo Zabatshakazi.

Ingubo Zokutshata Zamadoda, Izitofu zokwenza Ibhulukwe Zokutshata Ziyasikwa.

Ibhatyi Ezimnyama ezi " best " Zetwidi.

*Yizani kuzibonela ezimpahla ngokwenu. Ngapambi kokuba nitenge napina yiyani ko*

## *BEAUCHAMP, BOOTH & C0.*

E-QONCE, KING WILLIAMSTOWN.

## ZIHLOBO EZIMNYAMA.

## *U GRUBB, wase GCUWA,*

U SAND' ukuvela E-Qonce apo cbeketa inyambalala yemimanqaliso:—

Isutini Emhlope, ISIHOMBO SOMTSHATO kunye ne veil namagqabi 40/ (iponti ezindyanda).

Izanga ZETYALI, IPRINTI, (uyeva naf) Izihlangu, Zamaledi, Ishuzi, i Under Linen, ne Minqwazi Yokutshata.

Ezamanene INGUBO ZOKUTSHATA—zinoku odolwa zitungwe.

INGUBO ZABAFUNDISI Ziyenziwa, IZIHLANGU. ne SHUZI Zamadoda, AMAQINA, ne HEMPE.

IBHATYI, IMITIKA, IBHULUKWE (ningabalibali Onzonza).

QONDA.-Ningazilibali IZIHLANGU ezizitende zide zokubeta " Unomtatsi."

IBHATYI ZETENIS, kwane Hempe zayo,

IKOFU, ISWIKILA, ITI.

IMPAHLA YONKE YABAREYISHI.

Ninzawalibali kanjaqo Amayeza ka GRUBB Ezifo Zonke.

IMPAHLA ENGABA AYIBALWANGA YIBUZE, WOYIFUMANA

T. E. GRUBB, Butterworth,

*Ivenki Etengela ngamanani ase Qonce. YIZAN1 KUYILINGA.*

# PEACOCK BROS. NO WEIR,

EKOMANI, NGABATENGI

abakulu Bokutya, benika awona Manani alungileyo. E Komani apa wakuke uyekuva into abayi kupayo pambi kobuba utengise nokuba kupina.

Ihabile, Ezinkozo, Inqholowa, Irasi, Imbotyi, I-ertyis, Umbona, Amazimba. bahlele benawo.

NGESIZATU sokujikeleza kwa Batunywa selipelile ixesha, nangamatiletile okulungiselela ukuza kuvulwa kwe Shishini lo Manyano, umzi Ontsundu unikwe ituba Lenyanga Ezintatu, ukususela kwi lst APRIL kuye kwi 30th JUNE, 1892. Nantso ke into yako wena ulilayo, ungasileli, " Imbila yaswela urusila kuyalezela."

Isalilulo ngasinye kolu Manyano yi Poilti Enye ; Imali Yamangene Yisheleni Enye nge sahlulo sisinye.

Imali itunyelwa nge POST OFFICE ORDER eya kuhlaulwa ku Mr. MOSES D. FOLEY, Port Elizabeth. Umnini-Mali wotunyelwa isiqiniselo kwanepepa lemiteto,

QONDA.—Zonke incwadi ezitumela imali zitiwe Register.

Secretary, GEORGE A. ROSS; Treasurer, PETER Y. RWEXU ; Trustee, MOSES D. FOLEY; Manager, HENRY J. PHIPPS.

NGOKU AKATENGELI UYADYARAZA!

*BANTSUNDU! BANTSUNDU!*

NINA BASE

CALA NABESOSITHILI,

NANZO IGUTINYUZI

U-FOLOKOCO (Pascoe) wase QONCE

UVULE IVENKILE ENKULU

E CALA

Leyo ibisakuba yeka WEBB, kwibala le Marike. Manibe Nilungisa Amehlo. Impahla Entsha Iyeza.

KUNI BALUNGE

E-MONTI NAKWESOSITHILI!

NIHLALEL UKUWELWA LITAMSANQA,

U-FOLOKOCO (PASCOE) Uyakuba pakati kwenu ekupeleni kuka

OCTOBER

uyakuvula lovenkile ingakweyezihlangu yo SMALE & Co.

OXFORD STREET.

Pakati kwako konke oku kugilana ninga mlibali apo akona

E QONCE

Apo nombona ngokwake (salufu).

NGE ZANTSI KWE TYALIKE YE ZIKOTSHI,

KINGWILLIAMSTOWN.

IZIVATO ZEMITSHATO!

GIBBERD & BRYANT

KING WILLIAMS TOWN.

Izivato ze Satin emhlope 35s.
Izivato ezimhlope ze Brocade Satin 40s.
Ezi - Pink nezi - Blue zokutshi- ntsha 25s.
I Satin Emhlope 9d., 1s, 1s. 6d. iyadi

I Brocaded Satin Emhlope 1s. 6d., 2s., 2s. 6d.
Ebomvu no Blown i Brocaded Satin.
Emhlope i Brocaded Satin 6d., 9d.
I Muslin enemigca emhlope 6d., 1s

*Qondani: INGUBO ZOKUTSHATA ne-ZOKUTSHINTSHA. ziyenziwa xa ziodoliweyo,*

I Chemises Ezitrinywe nge lesi 1/-
Izihlangu Zekid Ezimhlope.
Izihlangu Zekid 4/-, Ezibotshwa ngemitya 5/-

GIBBERD & BRYANT.

Igusha  Igusha

"I Nircotine Exelsoir" I Dip Yecuba

(Ilelona yeza Lokwekwe Ezigusheni),
LIGQITA LONKE!

ALIBENZAKALISI UBOYA.

I-GALLON ENYE, izanyiswe kwi 150 i-gallon zamanzi abandayo zinokuhlambulula 500 ne 600 EGUSHA emva kokubakucetyiwe.

I arente E-Qonce ngu

GEO. WHITAKER.

Yile Dipu ekuhlanjwa nguyo kwitanki zela ma Mfengu J. WIGLEY, Nomaheya.

R. J. BUDGE, Kotana

# UMHLABA E NGQUSHWA!

NGETUBA lokuba ingafezwanga iminqopiso ye Fandesi lomblaba womfi u JOHN NTUTU elalingo 30 March, 1892, kuyaziswa kwakona ukuba kuya kutengiswa kwakona ngo

## MGQIBELO, 4 JUNE, 1892,

EMINI 12 O'CLOCK,

## Lofam Yazekayo kunene Yokulima Nokufuya,

Engu Lot No. 14, ubukulu 200 morgen, 587 square roods; upahlwe yile mihlaba: Lots No. 5, 13, 17, 18, 19, kubu Folkornet base Bira ;
I Quit rent yonyaka 12s. 6d.

Ngeminqopiso yokutengisa kubhalelwa ku

JESSE HILL, Umteteli-Fandesi,
Opatiswe ukwaba Ilifa.

Peddie, May 1, 1892.

## ISAZISO NGO GQIRA.

U DR. WALKER, ekubeni ebuye walatelwa ukuba yi D strict Surgeon yase Keiskama Hoek, bonke abamfunayo bano-kumfumana imihla yonke emzini wake e Keiskama Hoek, obufudula ungoka Dr. CLIFTON, kufupi ne Lower Drift.

## Ikonsati (Concert) e Gcuwa

NGOMHLA WOKUZALWA KWE NKOSAZANA (Queen's Birth Day) MAY 21, kuyakubako i Concert kulo Town yase Butterworth, ekucelwa bonke abantu ukuba beze kuva ukuvuma kwe Milonji Entsundu yetu pesheya kwe Nciba.

THOS. JNO. SIKWEBU, Umpati,
Nomaheya-

## ABAZELWEYO.

MACI.—Encemcra (Peelton), nge Cawa, 1st May, 1892, u Mrs. A. H. Maci ubeleke INKWKNKWK pezu kwentombi ezi mbini. 2tl25

## Isaziso Esibalulekileyo.

OGAMA lingezantsi wazisa ababhaleli bike nezihlobo, ukuba inazenjenje :— WM. FAIRLIE Y. MDLEDLE, c/o Mr. S J. Kentani, Cegcuwana, R.M. Office, Butterworth.

## NDICELA AMEHLO.

NDILAHLEKELWE ngamahashe ma- tatu. (1) YINKABI EFOSI eneko- lo enkulu, nebala elimhlope esweni ngase kohlo, kwanebala elimhlope lomqobosho kwangase kohlo Likuminyaka emihlanu.— *(2)* YINKUNZANA EBOMVANA ayina bala, yaka yaruneka — izihlahla zozibini zikulu, itshoba lifutshane kukuchazwa. Iminyaka mine.— (3) YINGWEVUKAZI ELUHLAZA, amanqina amhlope omane, nakuba awangapambili engegqitanga ezi- hlahleni, linebalana elimhlope emnhlatini wasekohlo, indlebe zimfupi ; iminyaka mine

Lamahashe ulahleka ngomhla 24 April 1892. Ondilandisayo ndomvuza ngokwaneleyo—DAVID K WASA. 2t512

## IMIBIKO.

MBAMBANI — Izihlobo zam ezikude nezikufupi mazamkele lomphanga wokuba u EMILLY M. MBAMBANI obetandwa ubhubhele e Nkosini yake ngo 19 April, 1892, o Belera or Uitenhage. Ubudala 17 iminyaka. 2i55

MATSHOBA,—Ngo 3 May, 1892, kumzi ka Mr. Tengo Jabavu e Qonce, kusitele ngumkuhlane u ROBERT MILLWARD BARRINGTON, unyana otandiweyo ka James no Martha MATSHOBA base Kamastone, Queenstown. Ubudala: inyanga 9 nentsuku 13. Izihlobo ezikude mazixoliswe sesi saziso.

MPINDWA.—Izihlobo ezikude nezilapa mazamkele lomphanga : Nge 30 April, 1892 ekuseni sishiywe e Bhai ngu ALPHONSE TYEKANA, unyana obetandwa ka Agnes no Jacob N. MPINPWA. Ubudala : inyanga 10 nentsuku 4.—No BALEKA DUMA VENA. Ubudala, inyanga 8 nentsuku 12.

Kubhekiswa umbulelo omkulu kubo bonke abawusabelayo umbiko lowo beza elunce-dweni Iuka Mr. no Mrs. J. N. Mpindwa kulomsebenzi. 1

## Iveki.

Banyuli base Dikeni nabase Ngqushwa nyulani u W. HAY.

SEKUKO indawo ckutshaziweyo kuzo eba Tenjini.

SEKE kwawa ikepu kwintaba ze Nko-nkobe.

U PRESIDENT KREGER ugxambuza "enifuleni wenja" nqi.

F PRESIDENT REITZ nenkosikazi ubakahlele nabo " umfula wenja."

ULOLIWE osuka e Natal oya e Hamsmith uya kuvulwa ngo 12 ku July.

Dike ne Ngqushwa, ninga- mlibali umhlobo omdala. Nyulani, u W. HAY.

UMZI ka Mr. Joseph McCabe e Ko- mani utshe-nqu ngumlilo ngeveki egqitileyo.

NGATI ziya kubukeka kakulu into eziya ku Mboniso wase Kimbili ezenzi- we nga Besutu.

U MR. ALFRED E. CALDECOTT unikwe iwonga lokuba ngu Mtshutshisi-Matyala e Mashonaland.

Sheshegu musa ukulahla imbo yako ngo poyiyana. Maku- nyulwe u W. HAY.

IGQIRA elazi kakulu ngemiciza liti uqolwane uyenzakalisa xa aselwa ngo-kugqite emgceni.

Ngqushwa ne Dike ningapu- lapuli abahendi, kodwa nyulani u W. HAY.

KWENZAKELE amashumi asixenxe abantu kwindlu yemigcobo e Philadelphia kukusuka utshe umnquba.

*Dike* ne Ngqushwa lumkelani into engekehli ngokunyula umhlo- bo otembekileyo n W. HAY.

UCINGO olututa indaba lungene e Lady Frere ngeveki egqitileyo. Kuko inteto yokuba luya kuvulwa e Cala ngo 20 walenyanga.

INYANISO uyayibengeza kaloku-nje umzi omapepa yokuba obona busela bukulu bempahla ehambayo bulapa emagwangqeni.

Dike ne Ngqushwa nihlale ni- wubekele indlebe umhla wevoti oyakubuya uxelwe ninyule u W. HAY.

U RULUMENI wase Free State wale kwapela ukuncedisana nowase Natal kwindleko zokuhlaula i Sitishi sase Harrismith.

NGOKUNGAPUNYELELISWA kweminqo-piso yentengiso, umhlaba wama Ntutu Engqushwa ubuye wase Fandesini. Incazelo kwimiqolo yezaziso.

INGOZI embi ekufe abantu abatatu abantsundu ngokunyatelwa kwenqwelo ngululiwe yoduli obeluvela e Somerset, ihle ngase Cookhouse kule ipelileyo.

Dike ne Ngqushwa u W. HAY a hleli esaziwa ngamadoda ebandla. Uyindoda yokunyulwa.

U DR. THOMAS MUIR, Umpatiswa om-tsha wemfundo esikundleni sika Sir L. Dale, ukangelwe ukufika e Kapa ngeveki engapaya ngomkombe oyi " Spartan."

IZILIMO kulomandla wokusuka e Qonce uye kuposa e Dikeni, zezinqini- leyo kunene ngetuba lelanga nenkumbi, umzi kengoko ujongene nendlala embi.

Dike ne Ngqushwa kungali- hlazo ukutshikilela umhlobo owa- ziwa lizwe lonke. Nyulani u W HAY.

IMPI etenga e Rini impahla siyayice- bisa ukuba ize ingaposwa sisaziso esi- tsha esikwi Mvo yanamhla sevenkile yo Messrs. John W. Bayes & Co., eyi *Bon Marche.*

Dike ne Ngqushwa ukurazu- ka pakati kuyakuniswelisa ama- ndla yenzani isitonga esinye pezu kokade enilwela amadabi ngexa elibi u W. HAY.

BACINGA ngokwenza isidlangalala semvumo kulo Mboniso ozakuba se Kimbili, ekuya kudibana ikwaya zase Koloni, e Natal, e Free State, nase Transvaal.

IFUN' UKUTI yande kwizixatoto zase mlungwini into yokubuza ixesha, ze ati umntu akuti rutu ukuba akangele suke obebuza ayiti blasi, ipele into ebitetwa.

Dike ne Ngqushwa abavoti mabayamanengamacala akuzeba- pumelelise umlweli wobulungisa ngakwi zizwe ezintsundu u W. HAY.

INGXOXO ibe shushu kwi Palamente yase Ngilane ngo 18 March ngelakwa Zulu, kude kwako abati mababuyiswe o Dinizulu. lyawaxambulisa amadoda intombi ka Colenso, nyani.

U RULUMENI utumele izwi elibukali kwi Nkosi yama Mpondo ukuba yalate- le u Mr. Scott inxowa kwangoku, kwakona akupe impabla ebiwe kowakwa Rulumeni esema Mpandweni.

Dike no Ngqushwa umntu a- ngakuhilizeli ukuya kuyifaka ngo- kwako ivoti yake ku W. HAY.

INDAWO ka Judge Gregorowski e Free State inikwe u Mr. State-Attorney McGregor, olamkeleyo elowonga lobu Jaji. U Mr. Gregorowski ubuyele ebu- teteleleni pambi kwe Jaji ayakubuquba e Transvaal-

INKOSI U Bokleni welama Mpondo ungene ngoburalarume obukulu eve- nkileni ka Mr. Lamas wabiza " unodyu- wane," bemlandulele uqubule izenjana wahlahl' ucango, waposeleka ngapakati, wasela wahamba.

U REV. MR. BAXTER wase Ngilane upolofiteslia ezokuba kuyakubako isi-xwexwe semfazo nonyaka-nje; kuya kuvuka u Napoleon oya kulaula pezu kwezikumkani ezilishunii, nomgwebo oyakuba ngonmyaka we 1901.

Ngqushwa ne Dike ze nilu- qonde kakuhle usuku lokuvota. Ninyule u W. HAY.

KUMTSHATO obukufupi ne Qonce kutsha nje kute emkwelweni wawo amadoda enzakaliswa kunene ngama- hashe. Kute kanti akukabipi, eyona nto isaza kuhla ekaya. Kuti maxa " kutungwa " utywala (kuba kaloku nje kutungwa ngamagogogo), suka igo- gogo lamana ukungcangcazela, kuba iyinto engcangcazelayo kakade, suka utywala rapa kwenye indoda. Ite ngo- bushushu obukulu: Mfondini undipa- lazelela nina ngotywala? omnye, hayi yingozi; ubani, bawe kuzo kwahlokqma umnquma wodwa ekay'apa yinto yonke. Obotywala baselwa ngumhlaba. Siteta-nje inxenye ilele ngezindlu. Oku kuhla kumzi wesikolo, kumagqoboka. Nite kubekiswe amabombo pina zizi- kolo ?

Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-NE, MAY. 5, 1892

## INTO ENGENZIWAYO.

IBALANA elifutshane elibaliswe ngose " Cibini " ngesiqamo somsebenzi ka Mr. WILLIAM CEBANI MTOBA kwi Rode lakwa Ndlambe liyakuleswa ngemihlali. Umsebenzi we NKOSI ukolisile ukuti ungabi nasiqamo sipuhlileyo kwa Ndlambe, ngangokuba abanye bade bafun' ukuti oko kubangwa kukuba lukuni kwentloko zalowomzi. Ibali eliqhutywe ngumsebenzi wase Rode sinako nati ukulingqina ukuba linjalo kanye ; esinovuyo ukutelela kumbhaleli ukupakamisa umbulelo ku Mr. MTOBA ngomsebenzi ete INKOSI yamnika imbeko yokuba isebenze ngaye into ezintle kangaka e Rode. Ukuba ukuhluma komzi ontsundu entweni zokukanya bekuxele e Rode asiyazi into angeba uyiyo namhla umntu ontsundu. Ngekukuhle kanye. Elicapaza silibonayo e Rode lisifundisa isifundo sokuba apo kuko indoda enenkolo emandleni ka Tixo ukuhlambululа abantu, yati kulonkolo yaleka inkutalo nozondelelo, njengo Mr. MTOBA lo, akungetabati minyaka ilishumi ukubapakamisa abantu bakowetu ebupantsini abakubo. I Afrika ifuna o MTOBA abalishumi ukuba bavulelwe basebenze kobubungqingqwa bobuqaba belimele elasema Xoseni—uyibone nawe into obukade uyifuna. Kwala ntonina ukuba abafundisi bakowetu bangabi yilonto?

## IVOTI YABANTSUNDU E DIKENI.

KUNGALUNCEDO mhlaimbi ukwalata imfuneko enkulu yomanyano ngovoti e Dikeni ukuwavusa amawetu ngelokuba, engati angxamele ukusadulelana-nje ngale voti, ayiko nokubako. Kwaye oku kuncipa kwevoti yetu kwenziwa kwanguye lo BHALINTULO bati makuvotwe yena abanye kwa abamnyama, owafunga ematyaleni ukuba umntu omnyama wase Dikeni akanamfunelo ukuba abenevoti. Kumandla we Dike wodwa inani labamnyama singawaketi Amalawu likulu, linamanci mahlanu anesixenxe (157); laye elabamhlope inani ingamakulu-omabini, anamanci matatu anantlanu (235). Kumablulo wase Ngqushwa abamnyama bamashumi asitoba anomntu omnye kupela (91) ; abamhlope bamakulu-m a b i n i anamasbumi matandat-i anomntu omnye (261). Ngoko-ke abamhlope bodwa bamakulu mane anamashumi asitoba anesitandatu (496); baye abantsundu bemakulu mabini anamashumi amane anesibhozo (248).

Sisweli-kuqonda sodwa esingayiboniyo imfuneko yokuba bayamane ngamacala abantsundu kulomnyhadala ukuze babe nokungenisa umntu oya kuncedisana nomqulu wabahlobo kwinkundla yombuso e Kapa. Siyaleza umanyano mawetu ukuze ivoti yetu sibonakale isiqamo sayo. Makungabiko abaya kuqekeka eluhlwini Iwetu olungekoyo kakade ; umzi wase Sheshegu uyabongozwa ukuba ungatengisi ngamalungelo omntu ontsundu. Enye into kukuba behleli bengeko kakade nje abantsundu, maze kulunyukelwe ukuba kungabiko namnye oyakukuhilizela ukuya kungenisa ivoti yake kumhlobo womzi wakowetu u Mr. HAY. Umvoti ufuneka eye ngesiqu; asinto inokupatiswa omnye. Mawayiqonde kakuhle lonto amawetu, Umhla eziya kungeniswa ngawo ivoti sobuya siwuvakalise. Okwangoku malibe lixapeshu ukoyisela emfanelweni yomzi amanxaxa

## Impawana.

------------------

Into ebisakunceda abavoti bemimandla ye Dike ne Ngqushwa ngemini zangapa- mbili ibiyintlanganiso yabatunywa ya- madoda ase Ngqushwa nawase Dikeni kwindawo enjenge Sheshegu, agqibe odwa ngeyona nto afanelwe kuyenza ngemihla emikulu enjengalo. Namhla ifuneka ngokukodwa lonto ; ekungalunga kugqibelele upumelele umoya eke sawuti ram ukuba kuyacingwa ukuba ibeko intlanganiso yolohlobo.

***

Singa singalata imposiso engati ibange umonakalo omkulu kulevoti izakubako e Dikeni nase Ngqushwa. Umzi mawu-ngaposisi, ube wona umntu emnye uya- kuba voti mbini. Njengokuba kunyulwa *ilungu elinye* (esikundleni somfi u Mr. Johnson) elowo umvoti *unevoti enye.* Sibangwa yincwadi yenye yamadodana okukanya ase Ngqushwa ekubonakala ukuba iba umntu unevoti ezimbini. Hai, akunjalo; ungaposisi mzalwana.

***

U Mr. Holland, imantyi yase Qonce, unduluko izolo (ngolwesi-Tatu) ukusinga e Glen Grey ukuya kongamela i Komi- shoni emiselwe ukupanda ibango laba Tembu nama Bhulu kumhlaba opantsi kokongamela kwemantyi yase Lady Frere. Siyakuliva namhla ibango lama Bhulu into elimi kuyo. Kodwa kuyava- kala ukuba selecwabile, acwangcwise indawo ayakuzidwelisa pambi kwe Komishoni

Kuluvuyo ukuti namawetu awe nge- dolo, agobe isinqe, ukulungiselela elawo nawo ibango. Ibango laba Tembu lihle, sike safun' ukoyikela ukuba isipitipitana eke saman' ukuvakala ukuba siko pakati kontsundu lodwa siyakwenzakalisa, sa- buya safumana ukuba asisakukwenza oko, kuba singasekwe ntweni ngapandle kwamakwele nomimona ehleli siyazi ukuba ifike izalise umbetembetana Iwakowetu kwakuba kuqhutywa umsebenzi womzi ukuba lute alwakankanywa kwi- ndawo obelukumbulela lona ukuba luzifanele.

***

Ukuqondisa ukuba lonto seyiqalile ukunakanwa nangumzi obomvu singabeka icapaza elenziwe lelinye iqaba kwintla- nganiso ebise Mgqukwebe ngolwesi-Hla- nu Iwegqitileyo ukupulapula indaba zabatunywa e Kapa. Lite iqaba, ngoku- ngayiva eyona nto ifunelwa yona imali yamaqaba Indodana ekutiwa apo lufundile, " Ngabantu abalumkileyo ababa- hamba besenzi intlanganiso *zokusesha* amaqaba ! " Ihleke yonke intlanganiso ngokunakana ubunyaniso balenteto.

***

Kwintlanganiso ebibizelwe ukupulapula u Mr. Ballantyne e Dikeni, u Mr. Wynne utyile ngemibuzo ukuba kuvoto apa olukulu Iwamalungu endlu ye Ngwevu, wati umzi oyi Ngqushwa ne Dike elixa uzamela o Messrs. Wilmot, Brister, no Dolley u Mr. Ballantyne yena wazifaka e Bhulwini u Mr. Bellingan ivoti zake—indlela zokutomalalisa ama Bhulu. Besingalindele ukuba obugqwidigqwidi bunjalo angade akanka- nywe ngokuba uyifanele ivoti yabantu bakowetu.

***

Abanye kumawetu e Sheshegu bacinga ukuba liyakuwa izulu enganyulwanga u Mr. Ballantyne; kanti tina siti, ukuba linokuwa, belingawa ngesizatu sokuba abantsundu batshikilele umhlobo, ogama likankanywa kunye nelika Mr. Saul Solomon ngobulungisa kontsundu entweni zombuso.

***

Ipepa esitemba okokaba lelokugqibela ngobalo, lipume kweziveki zigqitileyo, eli licaza intlobo zabantu—amasoka, abahlo. lokazi, abahlole, intombi, nabaso mxukuxe. leni abangaqondwayo nokuba ntombi—soka — ntonina. Abahlolokazi ngabona baninzi kuba nga 50,000, into obonakalisa okokuba amankazana atshatiswa ngapezu kwamadoda mhlaumbi ibo kukuba ati akufelwa angabisatshatwa, njengamadoda wona abuye azeke. Kwakona eku kungabangwa kukuba amanye amadoda enezitembu. Iko ke noko nendawo yokulahlwa kwababafazi abati babe njengabahlolokazi. Nga 269 abantu abangagqibekiyo ukuqondakala no- kuba bangabatshatileyo bangabangatshata- nga sinina.

***

Sakufika kwiqela lomtshato sifike sifumane okokuba abantsundu bayawapa. mbili, ngakutnbi kwicala lamankazana kuba li 1,289. Akuqondakali kakuhle ukuba kungatuba linina uhlobo lento kusu. ke kwanje: kuko ukwapula umteto wesi- xenxe, nokwalana ngezinye indlela-ndlelana. Amadoda antsundu ahlukene nabafazi bawo anga 222.

***

Kwabamhlope sifike sifumane bembalwa kakulu abate bakulomkondo wokuqaula imitshato kuba amadoda a 97, abafazi ba 87. Ikakulu, kwabamhlope nabamnyama kuti kanti kwinxenye apa kufunwa ukubuye kuzekwe kutsha iqaulwa nja imitshato kodwa ke inxenye yengemkunceda ngenxa yorexezo, namakwele, nezinye into-yinto. Kukwako nabahlolokazi abangonodyuwe, kwabamhlope; bebonke abake bepambi kwa Matyala Amakulu ngoqaulo mtshato nga 2,485.

Lempi itanda ukufilisha zonke inzwakazi ezi zizalwayo, mayilumka ingenzi esomfu- ndisi wase Ontario, u Mr. Martin, owat ngokumana epiwa ubuvuvu bentwana. ntwana ezintle zintombi, kanti omdala ute qo yena ufilisha le naleya; zada zantatu. Ke yiuto engenakubako uku. ziqakamshela zonke ngomtshato. Intoni inkala engumfundisi yaxing' etyeni, kuba xa atate yanye ezi zimbini ziyakummanga. lela ngokuzikohlisa. Iqinga labalinye wazishiya enyanyeni zontatu, unanamhla akaziwa apo aya kona.

***

Kude siyixubusha lento yokushiyana enyanyeni kulempi intsha. Yinto eninzi ebhabhisa, neyabhabbisa, nesazakubhabhisa ihabilisaka nemitika nje ngalomfundisi sele umoya; kuba uti kaloku umntu akuba nendawo engati ite tyi, mhlaumbi ngumfa- na ozitandayo, kanti uzizekela umnqambulo wetyala kumtinjam, selute nqa ukuba angade azeke nje ubanjwe yintonina; ade ke agcayiselwe ngezizibata bata eziyakuti akungazilumkeli zimti go ibe mntu waya.

***

Elixa ama Ngesi elilizwe akala ngabasebenzi abantsundu ukungabi nto kwabo, mhlaumbi kungaluvuyo kumawetu ukuva okutetwe ligwangqa elaka lase Rafu xa lalibhekisa kwelinye elalivela kwase Rafu, akudibana e Australia, liti:—" Sincedeni ngokusitumela izicaka ezintsundu, asinto lento yalapa, ezicaka zetu zimhlope zizici- ngela ngokuti zilingana nenkosi zazo, mhlaimbi nangapezulu, into ke leyo ecapukisa kakulu." Omnye wase Rafu ovela e America, uti ngalomcimbi:— "Nants' into e America apo isicakakaz sisuke sifune ukunga singaziselwa ikofu yakusasa yi *boy,* sisulelwe nezihlangu njalo njalo." Amagwangqa eli makabulele wona ukulunga kwe netevu zeli. Kakade umntu udla ngokuqonda inte akuba kwenye indawo.

## Untsundu Iwe Dike no Mr. Hay.

Kwintlanganiso awabanayo u Mr. Hay nabantsundu bomahlulo we Dike kwi- tyalike ka Mr. Mzimba e Lovedale, uta- bate umkondo wenteto yake yase Ngqushwa esayibeka pambi kwabafundi be Mvo kumapepa eveki ezingapambili. Akuba etetile kuwe ezi

NTETO ZOMZI:

U MR. GEDDES wase Lovedale ute unga angenza abembalwa ngenxa yokuba u Mr. Hay engazixelanga ngokucacileyo into ayiyo pambi kwenu, ngendlela yokuba andlaleke kamnandi ezindlebeni zenu ; ndinga ndingavakalisa indawo ate wazishiya, kuba akanazisanga ukuba ungubanina: kwanendawo akufanele ngazo ukuxhaswa nini. U Mr. Hay ubesakuhlala e Qonce apo ebengu Mhleli wepepa eliyi *Mercury.* Ndilukumbula kakuhle nangoku nje uhlobo awayechase ngalo ulaulo Iweloxesha, ikakulu kwimi-